



# Wes-Kaapse Provinsiale Parlement Western Cape Provincial Parliament IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

## INKQUBO YOWISO-MTHETHO: EKAZWELONKE NEYEPHONDO

## UXWEBHU LWEMIBA 15

UPHENGULULO 1, 20 JULAYI 2016

Ngokwemigaqo yomgaqo-siseko igunya lezowiso-mthetho lenqwanqwa likazwelonke likarhulumente liwela kwiPalamente kazwelonke ngeli lixa igunya lezowiso-mthetho lenqwanqwa lephondo likarhulumente liwela kwizindlu zowiso-mthetho zamaphondo.

IPalamente yePhondo ibotshelelwa kuphela yimigaqo-siseko kazwelonke nowephondo.

Umgaqo-siseko kazwelonke uyehlula phakathi kwezi zintlu zomthetho zilandelayo:

1. ICandelo 75 - Imithetho esayilwayo eqhelekileyo engachaphazeli maphondo
2. ICandelo 76 - Imithetho esayilwayo eqhelekileyo echaphazela amaphondo
  - ICandelo 76(1)- Equaliswe yiPalamente kaZwelonke
  - ICandelo 76(2)- Equaliswe yi-NCOP
3. ICandelo 77 - Imithetho esayilwayo yezemali
4. ICandelo 74 - IMithetho esayilwayo elungisa uMgaqo-siseko
  - Izilungiso zomgaqo-siseko ezichaphazela amaphondo
  - Izilungiso zomgaqo-siseko ezingachaphazeli maphondo


Kwiinjongo zolu xwebhu lwemiba kuphela ngumgaqo weCandelo 76 oza kuboniswa.

Umboniso onengqiqo wazo zonke izintlu zomthetho kazwelonke uyafumaneka xa uceliwe.

Ngokunxulumene nokuhamba komthetho kumaphondo imiboniso yemithetho esayilwayo eqhelekileyo kune nemithetho esayilwayo yezemali iyabonelelwa.


## IMITHETHO ESAYILWAYO EQHELEKILEYO ECHAPHAZELA AMAPHONDO

EQALISWE LIBHUNGA LESIZWE LAMAPHONDO (NCOP) {ICANDELO 76(2)}




## IMITHETHO ESAYILWAYO EQHELEKILEYO ECHAPHAZELA AMAPHONDO

**EQALISWE YIPALAMENTE KAZWELONKE (NA) {ICANDELO 76(1)}**



\* AMaphondo anika izigunyaziso kumaggiza awo ukuba axhase okanye angaxhasi uMthetho oSayilwayo

## IMITHETHO ESAYILWAYO EQHELEKILEYO YEPHONDO



## **IMITHETHO ESAYILWAYO YEZEMALI**

### Ukwaziswa

UMthetho oSayilwayo uyaziswa aze amaphepha  
anxulumene nawo andlalwe

### UFundo lokuQala

UMthetho oSayilwayo ufundwa okokuqala ngaphandle kokuba  
kubekwe umbuzo kunye neekopi zomthetho osayilwayo aze  
amaphepha anxulumene nawo ahanjiswe kuwo onke aMalungu

### Ukuthunyelwa kwikomiti emva koFundo lokuQala

Intetho yokwazisa nawaphi na amaphepha  
andlalwe kwiTafile athunyelwa kwikomiti  
efanelekileyo (kuqheleke ukuba ibe yiKomiti  
eSisigxina kwezeMali

### Uqwaliaselo lweshedyuli kuMthetho oSayilwayo

wolwabiwo-mali

Xa umgaqo womthetho osayilwayo wolwabiwo-  
mali oneshedyuli uphunyęziwe, iivoti kwishedyuli  
makuxoxwe ngazo.

### Ingxoxo yeeVoti kwiShedyuli

Ukuba uMthetho oSayilwayo wezeMali  
uneshedyuli,  
zonke iiVoti eziqulathwe kwiShedyuli  
ziyaxoxwa zize zivotelwe.

### Uggityezelo loMthetho oSayilwayo wezeMali

Xa ishedyuli kumthetho osayilwayo wolwabiwo-  
mali, okanye umgaqo womthetho osayilwayo  
wezemali ongenashedyuli uphunyęziwe,  
umthetho osayilwayo ubekwa kwiPhepha loLuhlu  
lweMicimbi ukuze ugqityezelwe.

### Ukwamkelwa yiNkulumbuso

UMthetho oSayilwayo utyikitywa yiNkulumbuso  
uze upapashwe